

Isalathiso: 11/1/5/1  
Inombolo yefayili: 20230906-7790

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko : 0003/2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharithulam, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko nakwiiNqununu

**Isihloko: INkomfa i-Die Burger Youth Leadership Conference yange-10 ukuya kowe-14 Disemba 2023**

1. Iphephandaba i-Die Burger, libambisene neSebe leMfundo leNtshona Koloni, kwakhona liya kubamba iNkomfa yama-65 yoBunkokheli yoLutsha yaqho ngoNyaka (65th Annual Leadership Conference) ukususela **ngowe-10 ukuya kowe-14 Disemba 2023** eKapa.
2. Kucelwa izikolo ukuba zityumbe usihlalo kunye/okanye usekela-sihlalo onyuliweyo weBhunga eliMele aBafundi (Representative Council of Learners) (RCL) ukulungiselela u-2024 omakathathe inxaxheba kule nkomfa yokwabelana ngamava angaka axhobisa ngolwazi. Ziinkokeli zolutsha ezingamashumi amahlanu eziya kunikwa ithuba lokuya kwinkomfa. Ikhayitheriya zokukhethwa kwazo zifakwe kwifom yokwenza isicelo.
3. Ulwimi olusetyenziswayo kule nkomfa luya kuba sisi-Afrikansi (ulwimi epapashwa ngalo i-Die Burger) yaye zonke iinkcazo-ntetho ziya kwenziwa ngesi-Afrikansi. Nakuba kunjalo, abathathi-nxaxheba abavela kuwo onke amaqela eelwimi baya kuthathelwa ingqalelo ukwenzela ukukhethwa kwabo ukuba baluqonda yaye baluthetha ngobuciko nangokugqibeleleyo ulwimi lwesi-Afrikansi.
4. Kuya kulindeleka ukuba zonke iinkokeli ezikhethiweyo zibekho kwinkomfa ngalo lonke ithuba lokuqhubeka kwayo ukususela ngeCawa, ngowe-10 Disemba 2023, ukuya kuLwesine we-14 Disemba 2023. Kucelwa kuqatshelwe ukuba iinkokeli azinako ukuxolelwa ngokungabikho ngenxa yemisebenzi enxulumene nesikolo okanye enxulumene nabo ziqu ngeli thuba.

5. Ifom eyi-electronic application form iyafumaneka kule linki ingezantsi yaye imele ukuzaliswa ngokupheleleyo. Ukongeza apho, isikolo kufuneka sifake (upload) ividiyo yemizuzwana eyi-30 eyenziwa yinkokeli yolutsha exhasa amagama atyunjiweyo.
6. Makuzaliswe yaye kungeniswe ifom yesicelo ngokungena apha: <https://forms.gle/HvJ4QNXKSYv8oZBu7> **ungadlulanga owe-20 Oktobha 2023.**
7. Kucelwa niqaphele le mihla ibalulekileyo ilandelayo:
  - Umhla wokuvala wokutyunjwa kwamagama: 20 Oktobha 2023
  - Inkqubo yokhetho lokugqibela: 03 Novemba 2023
  - Ukuqinisekiswa kweqela elikhethiweyo kwi-Die Burger: 04 Novemba 2023
8. Yonke imibuzo ebuzwa zizikolo ngokumalunga nenkomfa mayithunyelwe ngqo **kumququzeleli wenkomfa, uMnu André Lamprecht, kule nombolo yefoni 021 833 8482 okanye nge-imeyili apha: [Andre.Lamprecht2@westerncape.gov.za](mailto:Andre.Lamprecht2@westerncape.gov.za)**
9. Iya kuthakazelelwa inkxaso yenu kule projekthi.
10. Kucelwa iinqununu ukuba zazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kubo bonke ootitshala abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE: NGU-AJE MEYER**

**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOPHUHLISO NOQUQUZELELO LWAMAZIKO**

**UMHLA: 2023-09-19**